Isifundo 3

** 11–17 Januwari*

Ukusuka KwiMfihlelo Kuse KwiNtyilelo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Dan. 2:1–16, Izenzo 17:28, Dan. 2:17–49, Ndumiso 138, Yohane 15:5, Dut. 32:4, 1 Pet. 2:4.

Indima Yenkumbulo:
"Wasusela uDaniyeli wathi, Malibongwe igama likaThixo kususela kunaphakade kude kuse ephakadeni; ngokuba ubulumko nobugorha bobakhe" (Daniyeli 2:20).

Kumanzi ajikeleze iGreenland kukho amatye amakhulu azintaba zemikhenkce. Ngamanye amaxesha amaqweqwe omkhenkce aye asinge kwicala elithile lo gama amakhulu esinga kwelinye. Okwenzekayo kukuba imimoya elapha ngaphezulu iye iwatyhalele la mancinane kwelinye icala, kanti lo umkhulu umkhenkce uhamba nemisinga enzulu. Xa siphawula ukuphakama nokuwa kwezizwe embalini, kuyafana nokunika ingxelo ngemimoya elapha ngaphezulu kunye nemisinga yolwandle. Imimoya imele yonke into eguqukayo nengenako ukuqikelelwa, njengentando yomntu. Sekunjalo, kukwasebenza ngelo xesha linye nale mimoya neenkqwithela amanye amandla, amakhulu kakhulu nafana nemisinga yolwandle. Kukusebenza okuqinisekileyo kobulumko nobungangamsha beenjongo zikaThixo. Ngokutsho kukaEllen G. White, "Njengeenkwenkwezi kwindlela yazo ebanzi ezibekwe kuyo, iinjongo zikaThixo azingxami kwaye zingalibazisi." —Owayelangazelelwa Emaphakadeni, iph. 26. Nangona ukuphakama nokuwa kwezizwe, iimbono, nemibutho yopolitiko kubonakala kungathi kungokusebenza kwabantu kuphela, uDaniyeli 2 ubonisa ukuba nguThixo wamazulu oqhuba imbali yoluntu ukuba iye ekupheleni kwayo okukhulu.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 18 Januwari.*

12 Januwari

Ubukho BukaThixo

Funda: Daniyeli 2:1–16. Yintlekele ethini ajongene nayo amaHebhere ngenxa yephupha uYehova awalinika ukumkani?

Amaphupha ayeyinto endilisekileyo kudala. Xa iphupha lingathi linento eliyihlolayo, lalisoloko lithetha ngentlekele. Ngoko ke, kuyaqondakala ukuba kutheni uNebhukadenetsare eba nexhala ngephupha elithi, ukuyenza mbi kakhulu imeko, angakwazi ukulikhumbula. Iingcali zamaBhabheli zazikholelwa ukuba oothixo banako ukutyila iinkcazo zamaphupha, kodwa kweli iphupha likuDaniyeli, akukho nto ezazinokuyenza iingcali kuba ukumkani ulilibele iphupha. Ukuba zazikuxelelwe elikuqulatheyo, zaziza kuza nenkcazo ukukholisa ukumkani. Kungoko kule meko imaxongo, xa iingcaphephe zamaphupha zingakwazi ukumxelela ukumkani ukuba lingantoni iphupha lakhe, banyanzelekile ukuba bavume ukuba "akukho namnye unokuyixela phambi kokumkani, ingengabo oothixo abakhaya lingekhoyo kwizinto eziyinyama" (Dan. 2:11).

Ezaliswe luxinzelelo, ukumkani wayalela ukuba izilumko zaseBhabheli zibulawe. Ububi obunjalo babungazanga babonwa kwilizwe lakudala. Izisele zembali zingqina ukuba, ngenxa yoongcothoza, uDariyo I wazibulala zonke izilumko, uXerxes yena wabulala abakhi bebhulorho eyawayo. Xa uNebhukadenetsare ekhupha umthetho wakhe, uDaniyeli namahlakani akhe bebesanda kugqiba ukuqeqeshwa befakwe kuluhlu lweengcaphephe zikakumkani. Ngenxa yesi sizatu, umthetho wokufa okhutshwe ngukumkani uyabachaphazela nabo. Ngokolwimi lwakudala, oko kubulala kwakuqala kanye ngelo xesha, waza uDaniyeli nabahlobo bakhe nabo kwafuneka kulandelwe ngabo. Wathi uDaniyeli, "ngecebo nangengqondo" (Dan. 2:14), wathetha noAriyoki, indoda eyayijongene nokubulala. Ekugqibeleni uDaniyeli wacela ithuba kukumkani ngokwakhe ukuze axazulule ingxuba kaxaka yephupha lakhe. Okumangalisayo, nangona ukumkani wabatyhola njengabalibazisayo abo banolwazi nobugqi, wamvumela kwangoko uDaniyeli kwizicelo zakhe. Ngokuqinisekileyo uDaniyeli uyavumelana nabanobugqi ukuba akakho onako ukuyisombulula imfihlelo enjalo, kodwa umprofeti uyazi ukuba uThixo unako ukutyhila kokubini – okuqulathwe liphupha kwanokuchazwa kwalo.

Iingcali ezifunda ngoThixo zithetha "ngobukho" bukaThixo, zisithi, nangona ethe qelele kwindalo, uThixo unako ukusondela kakhulu kuyo. Le nto yokuba enika ukumani uNebhukadenetsare iphupha isifundisa ntoni ngobukho baKhe uThixo ngakuthi? (Jonga nakuIzenzo 17:28.)

The Prayer

UDaniyeli wakhawuleza wathi hlasi abahlobo bakhe abathathu ngelithi mabathandaze, echaza ukuba baza kubulawa ukuba uThixo akalityhili iphupha. Lonke ixesha sijongene nengxaki enkulu, kufuneka ukuba nathi sazi ukuba uThixo wethu mkhulu ngokwaneleyo ukuba axazulule neyona mingeni engenako ukusonjululwa.

Funda: Daniyeli 2:17–23. Zeziphi iindidi ezimbini zemithandazo ethandazwa apha?

Zimbini iintlobo zomthandazo ezikhankanywa kwesi sahluko. Kuqala, ngumthandazo wokucela apho uDaniyeli acela uThixo ukuba atyhile okuqulathwe liphupha nenkcazo yalo (Dan. 2:17–19). Amazwi alo mthandazo awachazwanga, kodwa siyaxelelwa ukuba uDaniyeli nabahlobo bakhe bafune ukuba "bacele imfesane kuThixo wamazulu ngenxa yale mfihlakalo, ukuze bangatshatyalaliswa uDaniyeli namakholwane akhe, kunye nezinye izilumko zaseBhabheli" (Dan. 2:18). Ngexesha bethandaza, uThixo uyasiphendula isicelo sabo, atyhile okuqulathiweyo nenkcazo yephupha likakumkani. Sinako ukuqiniseka ukuba lonke apha. Xa sithandaza sicenga uThixo ngezinto ezininzi, simdumisa simbulele kangakanani ngokuyiphendula kwaKhe imithandazo yethu? Amava kaYesu nabaneqhenqa abalishumi asinika isibonelo esisiso ixesha sifuna "imfesana kuThixo wamazulu imithandazo yethu iya kuviwa nayo, nokuba akude kube ngale ndlela inamandla siyibona apha, kuba uThixo kaDaniyeli unguThixo wethu nathi.

Ukusabela kwimpendulo kaThixo kwisicelo sabo, uDaniyeli nabahlobo bakhe badanduluka ngomthandazo wokubulela nokudumisa. Bamdumisa uThixo ngokuba lithende lobulumko nokulawula indalo nembali yeplitiki. Sikho isifundo esibalulekileyo sokufundwa sokungabi nambulelo kwabantu. Kwabalishumi abaphilisiweyo, mnye kuphela obuyileyo ukuza "kuzukisa uThixo" (Luka 17:18). Ukusabela kukaDaniyeli akwaneli nje ukusikhumbuza ngokubaluleka kokunikela umbulelo nokudumisa, kodwa nangokuveza isimilo sikaThixo esithandaza kuYe. Sithandaza kuYe, sinako ukuthemba ukuba uya kwenza oko kusilungele kakhulu, ngenxa yoko, simele ukusoloko simdumisa simbulela.

Funda: Ndumiso 138. Yintoni onokuyifumana kulo mthandazo wokubulela engathi ikuncede ukuba nawe ufunde ukuba nombulelo kuThixo, naphantsi kwaziphi iimeko ojongene nazo?

Lwesibini

14 Januwari

Umfanekiso, Isiqendu Sokuqala

Daniyeli 2:24–30. Yintoni le ibaluleke kakhulu ayithethayo apha uDaniyeli nekufuneka sihlale siyikhumbula njalo? (Khangela nakuYohane 15:5.)

Ukuphendula umthandazo, uThixo utyhila umxholo wephupha nokuchazwa kwawo. UDaniyeli akalibazisi akathingazi ukumxelela ukumkani ukuba isisombululo semfihlelo sivela "[ku]Thixo wamazulu." Kanti, phambi kokuba anike ingxelo ngokuqulathwe liphupha nokuchazwa kwalo, uDaniyeli ukhankanya iingcinga zikakumkani ezingaxelwanga nokukhathazeka kwazo xa ukumkani wayengqengqe engenabuthongo emandlalweni wakhe. Olu lwazi lwemeko lubethelela ngakumbi ukuthembeka kwesigidimi sakhe, kuba ulwazi olunjalo olwaziwa kuphela ngukumkani lumele ukuba lufike kuDaniyeli kuphela ngamandla angasentla. Kanti ke, xa eqhubeka nokunika ingxelo yephupha uDaniyeli, usemngciphekweni wokuchukumisa enye intlekele, kuba iphupha eli alizizo iindaba ezilungileyo kuNebhukadenetsare.

Funda: Daniyeli 2:31–49. Lithini iphupha ngesiphelo sobukumkani bukaNebhukadenetsare?

Iphupha libe nomfanekiso omkhulu ontloko yawo "ibiyigolide elungileyo, isifuba sawo neengalo zawo iyisilivere, isisu sawo namanqe awo elubhedu, imilenze yawo isisinyithi; iinyawo zawo ngenxalenye zisisinyiti, ngenxalenye ziludongwe" (Dan. 2:32, 33). Ekugqibeleni, ilityе "labetha emfanekisweni, ezinyaweni zawo" (Dan. 2:34), waza wonke umfanekiso waqhekeka wagutywa waluthuthu olwasasazwa ngumoya. UDaniyeli uchaza ukuba izimbiwa ezahlukeneyo zimele izikumkani ezilandelelanayo eziya kuma esinye endaweni yesinye kuyo yonke imbali. Ngokwakhe yena uNebhukadenetsare, isigidimi sicacile: iBhabheli, nawo onke amandla nobuqaqawuli bayo, iya kudlula kuze kume obunye ubukumkani endaweni yayo, nabo obo buya kulandelwa zezinye (izikumkani) kude kubekho endaweni yazo zonke obunye ubukumkani obahlukileyo: ubukumkani bukaThixo obungunaphakade, obuya kuma ngonaphakade.

Qaphela indlela ezithi tshe ngayo, nokuba zezexeshana izinto zabantu. Imele ukusifundisa ntoni le nto ngethemba elikhulu esinalo kuYesu, kwaye kuYe kuphela (khangela kuYohane 6:54, 2 Kor. 4:18)?

Umfanekiso, Isiqendu II

Funda kwakhona iphupha nokuchazwa kwalo (Dan. 2:31–49). Kusifundisa ntoni oku ngokuyazi kwangaphambili kukaThixo imbali yehlabathi?

Isiprofeto esiziswe ngephupha likaNebhukadenetsare linika amagqabantshintshi esiprofeto nemisebenzi njengesilinganiso sokuya kwiinkcukacha ezongezekileyo zikaDaniyeli7, 8, ne-11. Kanti, noDaniyeli 2 akasiso isiprofeto esixhomekekileyo. Usisiporofeto sezinto zesiphelo: ukuxela kwangaphambili okuqinisekileyo koko uThixo wakubona kwangaphambili naza kuthi akwenze kwixesha elizayo.

1. Intloko yegolide imele iBhabheli (626–539 B.C.). Ngokwenene, asikho esinye isimbiwa esinokumela ngcono amandla nobutyebi bobukumkani baseBhabheli kunegolide. IBhayibhile ithi "umzi wegolide" (Isa. 14:4, NKJV) nokuthi "iyindebe yegolide esandlei sikaYehova" (Yer. 51:7; thelekisa nesiTy. 18:16). Umbhali wembali wakudala, uHerodotus uchaza ukuba ubuninzi begolide basihombisa isixeko.

2. Isifuba neengalo zesilivere zimele iMedi-Persi (539–331 B.C.). Njengokuba ixabiso lesilivere lingaphantsi kwelegolide, ubukumkani bamaMedi-Persi abuzange bufikelele kubuqaqawuli beBhabheli. Ngaphezu koko, isilivere yayingumfuziselo ofanelekileyo kumaPersi kuba ayesebenzisa isilivere kuhlelo lwawo lwerhafu.

3. Amanqe namathanga obhedu amele iGrisi (331–168 B.C.). UHezekile 27:13 uzoba amaGrike njengananisa ngezityа zobhedu. Amajoni amaGrike ayesaziwa ngezixhobo zobhedu. Iminqwazi, amakhaka, namazembe okulwa ayenobhedu. UHerodotus [uSametiko] Psammetichus I waseYiputa wakubona kuhlaselo lwamaGrike ukuzaliseka kwebali elaxela kwangaphambili "ngamadoda obhedu awayephuma elwandle."

4. Imilenze yentsimbi ngokufanelekileyo imele iRoma (168 B.C.–A.D. 476). Njengoko uDaniyeli wachaza, intsimbi imele igunya elityumzayo lobukumkani baseRoma, obathabatha ixesha elide kunezikumkani zangaphambili. Intsimbi yayisisimbiwa esisiso ukumela obu bukumkani.

5. Iinyawo ngenxalenye zisisinyithi, ngenxalenye ziludongwe zimele iYurophu eyahlukahlukeneyo (A.D. 476 kuye ekuBuyeni kwesiBini kukaKristu). Umxube wentsimbi nodongwe unika umfanekiso ofanelekileyo wento eyenzeka emva kokuphela kobukumkani baseRoma. Nangona imizamo yenziwe ukumanya iYurophu, kususela kumanyano ngomtshato phakathi kwezindlu zobukhosi kuze kuManyano lweYurophu [European Union] lwangoku, ukwahlukana nokungamanyani okugqubayo, ngokwesi siprofeto, kuya kuhlala kukho ade uThixo amisele ubukumkani obungunaphakade.

Ilitye

Funda: Daniyeli 2:34, 35, 44, 45. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngesiphelo sokugqibela somhlaba wethu?

Apho lijonge khona iphupha kukwinto eya kwenzeka “ekupheleni kwemihla” (Dan. 2:28). Zinamandla zityebile zinjalo, izikumkani zezimbiwa zentsimbi nodongwe azinto ngaphandle nje kokuba ngumdlalo phambi kokumiswa kobukumkani belitye. Nangona ngandlela ithile iintsimbi ezi nodongwe zinokuba zenziwe ngabantu, ilitye lona lephupha liza lingachukunyiswa zizandla zabantu. Ngamanye amazwi, nangona ubukumkani ngabunye obudlulileyo ekugqibeleni buphela, ubukumkani obumelwe lilitye buya kuma ngonaphakade. Umfuziselo welitye, ngoko, ukholisa ukufuzisela uThixo (umzekelo, Dut. 32:4, 1 Sam. 2:2, Nd. 18:31), nelitye ngokunjalo linokuba nokumela uMesiya (Nd. 118:22; 1 Pet. 2:4, 7). Ngoko ke, akukho nto ifaneleke ngaphezu komfanekiso welitye ukufuzisela ukumiselwa kobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

Abanye baxoxa besithi ubukumkani belitye bamiselwa ngexesha lokulungiselela kukaYesu emhlabeni, nokuba ukuhanjiswa kwevangeli kungumboniso wokuba ubukumkani bukaThixo buthabathe indawo emhlabeni wonke. Kanti ke, ubukumkani belitye buza kubakho kuphela emva kokuba izikumkani ezine ezikhulu ziwile nembali yomntu yafikelela kwixesha lezikumkani ezahlukeneyo, ezimelwe ziinyawo neenzwane zomfanekiso. Le nyaniso isisusa yonke into ekukuzaliseka kwexesha lenkulungwane yokuqala, kuba ulungiselelo lwasemhlabeni lukaKristu lwabakho ngexesha lolawulo lweRoma, ubukumkani besine.

Ilitye lona lisukela intaba. Oko kukuthi, “Ilitye elo, libethileyo emfanekisweni, laba yintaba enkulu, lazalisa ihlabathi lonke” (Dan. 2:35). Intaba enje ngale ikhumbuza intaba yeZiyon, indawo apho itempile yayimi khona, umfuziselo oqinileyo wobukumkani bukaThixo basemhlabeni ngexesha leTestamene eNdala. Okunika umdla, ilitye elisuka entabeni lisuka libe yintaba lona ngokwalo. Le ntaba, ngokwendima, esele ikho, inokuba yalatha kwiZiyon yasezulwini, ingcwele yasezulwini, apho uKristu aya kuza umisela ubukumani baKhe obungunaphakade. Kule Yerusalem ke, eza kuhla ivela ezulwini (IsiTy. 21:1–22:5), obu bukumkani buya kuba nokuzaliseka kwako kokugqibela.

UDaniyeli 2 uchanile kuzo zonke izikumkani ukuza kuthi ga ngoku. Kungani ke ngoko, ukuba kube kufaneleke kakhulu kunobulumko ukuthemba isiprofeto sakhe ngokuza kobukumkani bokugqibela, obukaThixo obungunaphakade? Kutheni le nto kunokungaqondi ngokukhulu ukungakholwa sisiprofeto?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Kufundisa kakhulu ukuqaphela ukuba umfanekiso kaDaniyeli 2 wenziwe ngegolide nesilivere, izimbiwa ezihambelana namandla endyebo. Umfanekiso wenziwe nangobhedu nentsimbi ezazisetyenziswa kwizinto zokusebenza nezixhobo, kwakunye nomdongwe, owawusetyenziswa kwihlabathi lakudala ekubhaleni nasemakhaya. Ngoko ke, umfanekiso unika umzobo ofanelekileyo wobuntu nezinto obuzenzayo. Okufaneleke kakhulu, iindawo ezigqamileyo zokwakhiwa kwawo lo mfanekiso zinika umfanekiso wolulandelelana kwezikumkani zomhlaba nokungamanyani kokugqibela okuya kubakho ngemihla yokuphela kwembali yoluntu. Ilitye, phofu, licace ngokupheleleyo njengento engenziwanga "ngezandla zomntu" (Dan. 2:45), isikhumbuzi esinamandla sesiphelo sokungaphaya kwendalo esiya kufika kulo mhlaba wexeshana nakuko konke okwenziwe ngumntu. Nangona "kwiliso lomntu elingancediswanga, imbali yomntu ibonakala isisiphithiphithi sokuphothana phakathi kwamandla awenzayo naphikisayo ... uDaniyeli usiqinisekisa ukuba ngaphaya ngasemva kwako konke oku kumi uThixo, ekhangele ezantsi esebenza ngaphakathi ukufeza oko abona kufaneleke kakhulu."—William H. Shea, *Daniyeli: A Reader's Guide* (Nampa, ID: Pacific Press, 2005], p. 98.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Akukuhle nje ukwazi ukubaphakathi kwaso sonke isiphithi-phithi nembulaleko yeli hlabathi, ekugqibeleni uThixo nguYe olawulayo kwaye uza kuyisa yonke into kwisiphelo esihle kakhulu. Kude kube lelo xesha, lithini igalelo lethu ekuzameni ukwenza konke okulungileyo ukuze sikwazi ukuphungula intlupheko ekhoyo kweli hlabathi liwileyo.

2. Sikuchaza njani ukusebenza kukaDaniyeli nabathinjwa ngokusondele kangaka nokubonakala kuthembekile nenkokeli engumhedeni eyenze umonakalo omkhulu kakhulu kubantu bakaDaniyeli?

3. Njengoko sibonile, abanye bathi ilitye elasuka ngaphandle kwezandla libhekisa ekusasazweni kweendaba ezilungileyo emhlabeni. Ayinako ukuba njalo loo nto ngezizathu eziliqela, eziquka oko kuthethwa kuDaniyeli 2:35, okuthi ilitye liya kuzicola zonke izizwe ezingaphambi kwalo nokuthi "wemka nazo umoya, azafunyanelwa ndawo." Ayizange yenzeke loo nto emnqamlezweni. Ngaphezulu, iinzame zokubufanisa ubukumkani belitye nebandla ziwa phantsi ukuphawula ukuba ubukumkani belitye buthabatha indawo yako konke ukongama koluntu. Bubukumkani obuwugubungela wonke umhlaba. Ngoko ke, kukuza kukaYesu kwesibini kodwa okunokuqhubela phambili le nkqubo izotywe njengencochoyi yeli phupha lesiprofeto. Kungani ngoko, ukuba ukuza kwesibini kukaYesu ikukuphela kwenkcazo evakalayo yento eyenziwa lilitye ekupheleni kwemihla?